Isalathiso: 20200930-8339
Inombolo yefayili: 13/9/2
Imibuzo: Z Isaacs

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0008/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli beeMvavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: **IiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*) zangoNovemba 2020: Ukuzaliswa kweemakhishithi ze-*School-Based Assessment* (*SBA*), eze-*Practical Assessment Tasks* (*PATs*) neze-*Language Oral***

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neSetyhula 0018/2020, yowe-03 Agasti 2020, i-*Guidelines for the implementation of Annual Teaching Plans* (*ATP*), *minimum core content, assessment and quality assurance of the amended 2020 school-based assessment for all grades,* eshwankathela iimfuno ezingummiselo ze*SBA* zamaBakala 10-12. ISetyhula 0018/2020 ikhankanya ukuba bonke abaviwa beBakala 12 mabathobele iimfuno ezingummiselo ze*School-Based Assessment* (*SBA*) *and Examination/Summative Assessment* ezimiselwe kwi-*ATP* (2020) ehlaziyiweyo.

2. Kwiimeko apho umzali/umnonopheli okanye ilungu losapho elityunjiweyo lalifake isicelo sokuxolelwa ngokupheleleyo okanye ngokungaphelelanga komviwa weBakala 12 ekuhambeni isikolo ngexesha lobume bentlekele yesizwe, umviwa kufuneka kwakhona athobele yaye afezekise zonke iimfuno ezingummiselo ze*SBA* ngokubambisene nesikolo.

3. Ukuze kuncitshiswe umthwalo wezolawulo kootitshala, kwenziwe izilungiso kumaxwebhu eerekhodi zezifundo eBakala 12 akwikhompyutha ukwenzela ukufakelwa kwezilungiso kwi*SBA*.

4. Izikolo zinayo indlela nokuba kukuzalisa amaxwebhu eerekhodi zezifundo eBakala 12 akwikhompyutha afumanekayo ukulungiselela ukuba akotshelwe kwisistim i*CEMIS* yaye oko kuya kwaziwa njenge-"***Option* 1**" okanye ekukuzalisa nokungenisa amaxwebhu iimakhishithi eziprintiweyo okuya kwaziwa njenge-"***Option* 2**".

5. **I-"*Option* 1: Amaxwebhu eeRekhodi zeZifundo akwikhompyutha noKungeniswa kweDatha kwiKhompyutha**

5.1 **Inkqubo emayilandelwe xa kukotshelwa, kuveliswa (*generating*) amaxwebhu eerekhodi zezifundo kunye nokuzalisa iimo ezikwikhompyutha zokungeniswa kwamanqaku e*SBA*, e*PAT* nawe-*Language Oral***

5.1.1 Amaxwebhu eerekhodi zezifundo zeBakala 12 neefayili zedatha zikwifakwe kwisistim i*CEMIS* phantsi kwemenyu: *Reports → Recording Sheets → Grade 12 Download*.

5.1.2 Inkqubo yokukopela amaxwebhu eerekhodi zezifundo zeBakala 12 iyafana naleyo yamaBakala 8-9 (makujongwe kwi-***Grade 12 Help file*** efumaneka kwisistim i*CEMIS*, kanye ngezantsi kwemenyu echazwe ngentla).

5.1.3 Zisakuba zikotshelwe zonke iifayili zezifundo nefayili yeedatha yaye kwaveliswa namaxwebhu eerekhodi zezifundo, le nkqubo inokwenziwa ukuba mayifumaneke kootitshala ukulungiselela ukufakwa kwisistim kwamanqaku.

5.1.4 Izifundo ezilawulwa yiBhodi yeeMviwo eziMeleyo (*Independent Examination Board*) aziyi kuba namaxwebhu eerekhodi zezifundo akwikhompyutha afumanekayo ukulungiselela ukukotshelwa ngo-2020. Ezi zifundo ziya kulawulwa ngenkqubo eqhelekileyo eboniswe **kwi-*Option* 2**.

5.2 **Ukufakwa kwamanqaku kumaxwebhu iirekhodishithi akwisistim**

5.2.1 Amaxwebhu amatsha eerekhodi zezifundo eBakala 12 enziwe ngokungqinelana nesiHlomelo A esivela kwiSetyhula E1 yeSebe i*DBE,* yowe-15 Julayi 2020 (equlethwe kwiSetyhula 0018/2020 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*)).

5.2.2 Imisebenzi yeemviwo zaphakathi enyakeni zango-2020 zeBakala 12 sele ikhutshiwe ekubalweni kwamanqaku e*SBA* ngokusebenzisa ifankshinalithi ka-"***skip***" (yaye yona ayinakutshintshwa).

5.2.3 Amanqaku asuka kumaxwebhu eerekhodi zezifundo entsusa anokufakwa nokuba kukwikhompyutha kwakhona okanye akhutshelwe yaye apeyistwe (makusetyenziswe u-*Copy* no-*Edit*, u-*Paste Special*, makukhethwe ii-*values* ukuqinisekisa ukuba ifomathingi ayitshintshi) ukusuka kwi-*original source*. Makunonotshelwe ukuqinisekisa ukuba amanqaku akhutshelweyo ayangqinelana namagama akumaxwebhu eerekhodi amatsha.

5.3 **Amanqaku angekafakwa e*SBA*, *ePAT* nawe-*Language Oral***

5.3.1 Amaxwebhu eerekhodi zezifundo amatsha eBakala 12 anomsebenzi omnye njengowokurekhoda kumaBakala 8-9 neeprogram zokunika ingxelo kunye nezalathi *(indicators*) ukulungiselela iintlobo ezahlukeneyo zokungabikho esikolweni (*absenteeism*). Inqaku okanye isalathi **kufuneka sinikwe umviwa ngamnye ogama lakhe livelayo kuxwebhu lweerekhodi zezifundo.**

5.3.2 Amaxwebhu eerekhodi zezifundo amatsha eBakala 12 alungiselela **ukungabikho esikolweni ngokusemthethweni nangokungekho mthethweni** (***valid*** *and* ***invalid absenteeism***). Ukungqinisiswa kwedatha kuya kuqinisekisa ukuba kuphela ngamanqaku aphakathi ko-*zero* ("0) namanqaku angawona maninzi avumelekileyo OKANYE nazo naziphi na iindidi ezingezantsi zinokufakwa ekhompyutheni. Makuchwethezwe unobumba wokuqala/oonobumba bokuqala xa kuboniswa ukungabikho esikolweni (*absenteeism*) (makujongwe le theyibhile ingezantsi)) xa kufakwa ekhompyutheni.

Makufakwe kwikhompyutha	**Makubhalwe**	**Isizathu**
u-**a** okanye **u-*ab***	***A: Abs***	ukungabikho esikolweni ngesizathu esibambekayo (*Abs. Valid*)
u**-e** okanye u-***exit***	***A: Exit***	ngomfundi okhutshiweyo kwiincwadi zesi sikolo
u**-*n*** okanye u-***new***	***A: New***	ngomfundi omtsha ongenawo nawaphi amanqaku angaphambili
u**-x** okanye u-***X***	**X: Abs**	ngokungabikho esikolweni nokuphi na ngaphandle kwesizathu esibambekayo (*Abs. Invalid*)
u**-*i*** okanye u-***irr***	**X: Irr**	ukuba amanqaku agciniwe ngenxa yesitenxo (*irregularity*)

5.3.3 Kwiimeko apho kufakwe ukungabikho esikolweni ngesizathu esibambekayo (**A: Abs**) ekhompyutheni, kuya kubalwa ngokuzenzekelayo amanqaku e*SBA*/e*PAT*/ee-Orali (kwenziwa into enye apho u-***A: New*** okanye u-***Skip*** bafakiweyo kwikhompyutha). Apho kufakwe ukungabikho esikolweni ngesizathu esingabambekiyo (*invalid absence*) (***X: Abs***) ekhompyutheni, umfundi uya kunikwa u-*zero* ("0") ukulungiselela loo msebenzi (oku kuquka nemeko apho kufakwe u-***X: Irr*** kwikhompyutha). Apho umfundi avelayo kuxwebhu lwerekhodi yezifundo, kodwa abe ekhutshiwe kwiincwadi zesikolo, makufakwe kwikhompyutha u-***A: Exit*** kuyo yonke imisebenzi eshiyekileyo. Isiphumo siya kubonisa u-***Exit*** kuxwebhu lweerekhodi zezifundo ukulungiselela olu didi.

5.4. **Abafundi abangaveliyo kumaxwebhu eerekhodi zezifundo**

5.4.1 **Zonke izilungiso zezifundo ziya kuthathwa njengezitenxo**. Makufakwe kwikhompyutha u-***A: Exit*** ngayo yonke imisebenzi yaye kungeniswe inkcazelo yezizathu ezibubungqina (iripoti yeBakala 11 okanye yeKota 1 yeBakala 12) kunye nefom yesiHlomelo A ezalisiweyo. Isigqibo esimalunga neziphumo zomfundi siya kuthathwa yiNtloko yeSebe leMfundo. **Akusayi kuvunyelwa kutshintshwa kwezifundo.**

5.4.2 Kuqhotyoshelwe inkqubo eqhelekileyo eyenziwa ngesandla yokuzalisa **isiHlomelo A** kule ngcaciso imfutshane eya kusebenza kuzo ZONKE iimeko ezikolu didi. Iifom zesiHlomelo A mazingeniswe kumcebisi ngezifundo.

5.4.3 Iifom zesiHlomelo A aziyi kwamkelwa liCandelo loLawulo lweeMviwo ngaphandle kokuba zisayinwe ngutitshala, yinqununu nangumcebisi ngezifundo.

5.4.4 Abaququzeleli bovavanyo neemviwo mabaqinisekise ukuba iifom zesiHlomelo A ezizalisiweyo zifika kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungadlulanga owe-**23 Novemba 2020**.

5.5 **Inkqubo yokufakwa ngekhompyutha kwamanqaku e-Orali/kwamanqaku e*PAT***

5.5.1 Isikolo AKUFUNEKANGA **sikhuphele (*export*) yaye siwakopele amanqaku amodareyithiweyo** kwesi sigaba. Oku kuya kwenziwa kuphela asakuba ONKE amanqaku efakwe agqitywa kwikhompyutha.

5.5.2 Apho inkqubo yokumodareyithwa kwamanqaku e-Orali kunye/okanye e-*PAT* ingekagqitywa, amaxwebhu eerekhodi zezifundo ka-*Excel* aqulethe amanqaku e-Orali okuphela konyaka/amanqaku e*PAT* makathunyelwe nge-imeyili kumcebisi ngesifundo ochaphazelekayo (makungazaliswa lukhuphelo nakukotshelwa kwamanqaku).

5.5.3 Umcebisi ngezifundo uya kusebenzisa amaxwebhu eerekhodi zezifundo akwikhompyutha ukuncedisa inkqubo yokumodareyitha namanqaku amodareyithiweyo okuphela konyaka e-Orali/e*PAT* aya kufakwa kwikhompyutha kuxwebhu lwereekhodi zezifundo ngumcebisi ngezifundo.

5.5.4 Umcebisi ngezifundo makabuyise uxwebhu lwerekhodi yezifundo lwe-*Excel* kwisikolo namanqaku amodareyithiweyo e-Orali/e*PAT* abonakalayo.

5.6 **Inkqubo yokufakwa ngekhompyutha kwamanqaku e*SBA* okuphela konyaka**

5.6.1 Inkqubo elandelwayo ifana naleyo yokungeniswa kwedatha yenkqubo yekota yamaBakala 8-9 (makujongwe i-***Grade 12 Help file*** efumaneka kwisistim i*CEMIS* ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu).

5.6.2 Makuveliswe i-*Export text file* ngesifundo ngasinye ngoxwebhu lweerekhodi zesifundo ngasinye asakuba efakwe kwikhompyutha **ONKE** amanqaku e*SBA* ebakala liphela. I-*text file* iya kuba kwisabhufolda i-"*Export*" kwindawo enye nalapho ifayili iseyivwe khona.

5.6.3 Ii-*Export text files* zesifundo ngasinye mazikotshelwe *(uploaded)* emva koko ngokuqala kudlulwe kwistim i*CEMIS*.

5.6.4 **Isakuba ikotshelwe (*uploaded)* i-*Export file* yesifundo, isikolo KUFUNEKA sithumele nge-imeyili uxwebhu i-*Excel Subject Record Sheet* esetyenziselwa ukuvelisa i-*Export file* kumcebisi ngezifundo onoxanduva lweso sifundo. Makulandelwe inkqubo enye ngoxwebhu lweerekhodi zesifundo ngasinye ekwaveliselwa sona i-*Export file* yaza yakotshelwa ngokudlula kwisistim i*CEMIS*.**

5.6.5 I-*Excel file* iya kusetyenziselwa iinjongo zokumodareyitha ngumcebisi ngezifundo (akukho mfuneko yakungenisa kopi engamaphepha eprintiweyo).

5.6.6 **Isikolo masigcine iikopi ezikwikhompyutha zamaxwebhu eerekhodi zezifundo ze-*Excel* ngeenjongo zophicotho-zincwadi.**

5.7 **Inkqubo ekwikhompyutha yokufakwa kwisistim kwamanqaku amodareyithiweyo e*SBA***

5.7.1 Isakuba inkqubo yokumodareyitha igqityiwe ngumcebisi ngezifundo, amanqaku amodareyithiweyo okuphela konyaka aya kufakwa kwikhompyutha ngumcebisi ngesifundo ngokuqala kudlulwe kwi-*EduInfoSearch (EIS)*.

5.7.2 Ngoko nangoko akuwafaka umcebisi ngezifundo ekhompyutheni amanqaku amodareyithiweyo wayisayinela nenkqubo, akukho kukotshelwa (*uploads*) kuya kuvumeleka okwenziwa sisikolo. Umcebisi ngezifundo makagcine ikopi yasekhompyutheni yamaxwebhu e-*Excel* amodareyithiweyo ezifundo ngeenjongo zophicotho-zincwadi.

5.7.3 Isikolo siya kukwazi ukujonga amanqaku okuphela konyaka e*SBA*/e*PAT*/amanqaku e-Orali namodareyithiweyo esifundo ngasinye ngokuqala sidlule kwisistim i*CEMIS*.

5.7.4 Isikolo asiyi kufuneka ukuba sizalise iimakhishithi ze*SBA* ezingamaphepha ngesandla ukuba izikolo zikhetha i-*Option* 1 yaye sisebenzisa amaxwebhu eerekhodi zezifundo zeBakala 12 nokuba zingenisa ngekhompyutha amanqaku ezifundo e*SBA* ngokuqala sidlule kwisistim i*CEMIS*.

6. **I-"*Option 2:* Iimakhishithi eziprintiweyo zeemvavanyo ze*SBA*, eze-*PAT* neze-*Language Oral***

6.1 Iimakhishithi eziprintiweyo zeemvavanyo ze*SBA*, eze*PAT* neze*Language Oral* ziya kusiwa ezikolweni ungadlulanga we-**05 Oktobha 2020.**

6.2 **Ukufunyanwa kweekopi ezingamaphepha eziprintiweyo**

6.2.1 Zisakuba zifunyenwe iimakhishithi zeekopi ezingamaphepha eziprintiweyo, iinqununu maziqinisekise ukuba zifunyenwe zonke iimakhishithi zezifundo ezifunekayo kwizikolo zazo, ekubhalwe kuzo abaviwa ngesifundo ngasinye.

6.2.2 Ezi makhishithi zezifundo zilandelayo aziyi kuthunyelwa ezikolweni kodwa ziya kusiwa ngqo kuBacwangcisi ngezeKharityhulam aBakhulu (*Senior Curriculum Planners*) kwaNdlunkulu:

Izifundo zobugcisa	**Izifundo zepraktikhali**
Electrical Technology: *Digital Systems* *Electronics* *Power Systems* *Mechanical Technology:* *Automotive* *Fitting and Machining* *Welding and Metal Work* *Civil Technology:* *Civil Services* *Construction* *Woodworking* *Engineering and Technology:* *Engineering Graphics and Design*	*Dance studies* *Design* *Dramatic Arts* *Visual Arts* *Music* *Trinity Music* *Unisa Music*

6.2.3 Kuphela yikopi enye yemakhishithi eprintiweyo ekuya kubonelelwa ngayo ukuba mayizaliswe. Ke ngoko, kubalulekile gqitha, ukuba iikopi zeemakhishithi zenziwe sisikolo nangabacebisi ngezifundo emva kokumodareyithwa kwazo yaye mazigcinwe kwisikolo nakwisithili ukulungiselela iinjongo zeerekhodi.

6.2.4 Maziqinisekise izikolo ukuba iimakhishithi eziprintiweyo ziyazaliswa yaye zenziwe zifumaneke kubacebisi ngezifundo ngosuku lokumodareyithwa kwazo. Ootitshala bezifundo mabazalise kuphela **amanqaku angamodareyithwayo** kwikholam ebhalwe "*Mark*".

6.2.5 Kuphela kusemva kokumodareyithwa kokuphela konyaka kwesifundo ngasinye, apho kuya kukhutshelwa amanqaku amodareyithiweyo ngokuchanekileyo kwikholam ebhalwe "*Mod*" kwimakhishithi ye*SBA* ngabacebisi ngezifundo.

6.2.6 Ukuba isikolo sifumana kuphela iimakhishithi eziprintiweyo emva kokuba igqityiwe inkqubo yokumodareyithwa kwazo, makwenziwe amalungiselelo ayimfuneko nabacebisi ngezifundo ukulungiselela ukuzaliswa nokusayinelwa kweemakhishithi.

6.3 **Ukunika abaviwa amanqaku e*SBA*, e*PAT* nawe-*Language Oral***

6.3.1 **Kufuneka** kunikwe amanqaku umviwa ngamnye onombolo yoviwo yakhe ivelayo kwimakhishithi.

6.3.2 Oku makwenziwe nakubaviwa:

- ababegxothiwe okanye ababenqunyanyiswe okwethutyana esikolweni;
- abenze isicelo sokutshintsha iziko lokubhalela uviwo;
- abebengekho esikolweni ithuba elide apha enyakeni;
- abebengekho ngosuku lokumodeareyitha;
- abakhethe ukufundela ekhaya;
- ababhalisele isifundo kwesinye isikolo okanye iziko, umz. iziko lobugcisa; okanye
- ababhaliswe njengabaphindayo/abaviwa abangesosigxina.

6.4 **Amanqaku angafakwanga e*SBA*, e*PAT* nawe-*Language Oral* (abaviwa abebengekho nabo bangenamanqaku e*SBA*, awe*PAT* nawe-*Language Oral*)**

6.4.1 Ukuba umfundi akayifakanga **ikhomponenti okanye iikhomponethi** ze*SBA*, ze*PAT* okanye eze-*Language Oral* apha enyakeni, yaye kunikwe **izizathu ezibambekayo** zoko, umfundi makanikwe elinye ithuba lokuvavanywa kwimisebenzi ayinikiweyo okanye umfundi makangenise umsebenzi ongafakwanga <u>phambi</u> kokuqala kweemviwo zokuphela konyaka zokugqibela **ungadlulanga owe-05 Novemba 2020**. Ukuba oku akunakwenzeka, **makangathathelwa** ngqalelo amanqaku alo khomponenti okanye ezo khomponenti ze*SBA*, eze*PAT* kunye/okanye neze-*Language Oral* yaye awona manqaku maninzi, kule meko, makabalwe kwakhona kususelwa kwinani eliseleyo lemisebenzi egqityiweyo (makujongwe **kwiTheyibhile 1**).

<u>ITheyibhile 1:</u> Isizathu esibambekayo (Iikhomponenti ze*SBA*, ze*PAT* neze-*Language Oral* zesifundo namanqaku omfundi):

	Ikhompo-nenti 1	**Ikhompo-nenti 2**	**Ikhompo-nenti 3**	**Ikhompo-nenti 4**	**Ikhompo-nenti 5**	**Ikhompo-nenti 6**	**Ikhompo-nenti 7**
Amanqaku Amaninzi	**5**	**5**	**30**	**20**	**40**	**40**	**40**
Umfundi	4	Ayenziwanga (Kunikwe isizathu esibambekayo)	16	Ayenziwanga (Kunikwe isizathu esibambekayo)	20	15	12

Amanqaku e*SBA* = (4+16+20+15+12)/ (5+30+40+40+40)
= 67/155
= 43% okanye (43/100)

6.4.2 **"Isizathu esibambekayo"** kule meko siquka oku kulandelayo:

- ukugula, okuxhaswa liphepha likagqirha elisemthethweni, esikhutshwe ligosa lezonyango elibhalisiweyo (*registered medical practitioner*);
- izizathu ezikhatshwa luvelwano lobuntu, ezinjengokusweleka kwelungu losapho elisondeleyo kumviwa okuxhaswa sisatifikethi sokusweleka.
- umfundi oya kuvela enkundleni yamatyala, yaye oko makuxhaswe bubungqina obubhaliweyo; okanye
- nasiphi na esinye isizathu esinokwamkelwa njengesizathu esisemthethweni yintloko yovavanyo okanye ngummeli wayo.

6.4.3 Ubungqina bezo zizathu zibambekayo mabufakwe kubungqina bendlela umfundi aqhuba ngayo ngethuba leeseshoni zokumodareyitha.

6.4.4 Ukuba umfundi akayingenisanga **ikhomponenti** okanye **iikhomponenti** ze*SBA*, eze*PAT* neze*Language Oral*, kungekho **sizathu sibambekayo,** umfundi makawungenise umsebenzi ongenziwanga phambi kokuqala koviwo lokuphela konyaka **ngoLwesine, ngowe**-**05 Novemba 2020**).

Ukuba oku akunakwenzeka, umfundi makanikwe amanqaku anguze*ro* ("0") kulo khomponenti okanye kwezo khomponenti ze*SBA*, eze*PAT* neze-*Language Oral*. Ngokwale meko, amanqaku angawona maninzi mawabalwe njengoko kubonisiwe apha ngezantsi (makufundwe **iTheyibhile 2**).

ITheyibhili 2: **Akukho sizathu sibambekayo** (iikhomponenti ze*SBA*, eze*PAT* neze-*Language Oral* yesifundo namanqaku omfundi):

	Ikhompo-nenti 1	**Ikhompo-nenti 2**	**Ikhompo-nenti 3**	**Ikhompo-nenti 4**	**Ikhompo-nenti 5**	**Ikhompo-nenti 6**	**Ikhompo-nenti 7**
Amanqaku Amaninzi	**5**	**5**	**30**	**20**	**40**	**40**	**40**
Umfundi	4	Ayenziwanga (Akunikwanga sizathu sibambekayo)	16	Ayenziwanga (Akunikwanga sizathu sibambekayo)	20	15	12

Amanqaku e*SBA* = 4+0+16+0+20+15+12)/ (5+5+30+20+40+40+40)
= 67/180
= 37% okanye (37/100)

6.5 **Ezi meko zilandelayo mazigxininiswe malunga nokuzaliswa kweemakhishithi**

6.5.1 Apho umviwa engazange azalise **nayiphi na imisebenzi konke**, kodwa enike **isizathu esibambekayo**, makufakwe u-"**999**" kwimakhishithi. Ubungqina besizathu esibambekayo (bezizathu ezibambekayo) mabunikwe kubacebisi ngezifundo kwiseshoni yokumodareyitha zisiwe kwiCandelo loLawulo lweeMviwo.

Okuthethwa ngu-"999"

- Umviwa uya kufumana **isiphumo esingaphelelanga** nkqu nokuba abhaliwe amanye amaphepha oviwo.
- Umviwa uya kunikwa **kude kuyokuba nge-15 Matshi 2021** ukuba angenise amanqaku e*SBA* kunye/okanye awe*PAT/Language Oral*. Ezi ziphumo mazingeniswe ngabacebisi ngezifundo kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungadlulanga owe-**31 Matshi 2021**. Ukungawangenisi amanqaku angafakwanga e*SBA, ePAT* kunye/okanye nawe*Language Oral* lingadlulanga ixesha elisikiweyo kuya kuba nesiphumo sokuba umviwa asiphinde isifundo siphela.

6.5.2 Apho umviwa **angagqibanga** nayiphi na imisebenzi konke yaye kungekho zizathu **zibambekayo** zinikiweyo, makufakwe "**444**" kwimakhishithi. Lo mviwa ulolu hlobo uya kufumana isiphumo esingaphelelanga yaye makaphinde sonke isifundo.

6.5.3 **Zonke izilungiso kwizifundo ziya kuthathwa njengezitenxo**. Makufakwe u-**"888"** kwikholam yamanqaku kuze kungeniswe ingxelo ebhaliweyo enezizathu ezivokothekileyo nobungqina (Iripoti yesikolo yeKota 1 yeBakala 11 okanye eyeBakala 12) kunye nefom **yesiHlomelo A** ezaliswe ngokupheleleyo. Isigqibo malunga neziphumo zomviwa ziya kuthathwa yiNtloko yezeMfundo. **Akuyi kuvunyelwa ukutshintshwa kwezifundo.**

6.6 Abaviwa abanezithintelo zokuthetha kunye/okanye zokuva

Abaviwa abanezithintelo zokuthetha kunye/okanye zokuva, kufuneka endaweni yamanqaku e-orali, bafumane amanqaku ngokomlinganiselo osuselwa kumanqaku abawafumane kumsebenzi obhalwayo (*pro rata mark*) kwiimvavanyo ezibhaliweyo eziqingqiweyo zabo.

6.7 Umsebenzi oluxanduva lweenqununu malunga nokuzaliswa kweemakhishithi

Iinqununu maziqinisekise ukuba bonke abaviwa be*NSC* kwizikolo zabo bawanikiwe amanqaku afunekayo e*SBA, ePAT* nawe*Language Oral.* Iinqununu mazitshekishe yaye zisayinele imakhishithi emva kokuba izalisiwe ngutitshala ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemiqathango ekule ngcaciso imfutshane.

6.8 Umsebenzi oluxanduva lwabacebisi ngezifundo malunga nokumodareyithwa kweemakhishithi

Abacebisi ngezifundo bathwele uxanduva ngokuphelelyo lwenkqubo yokumodareyithwa kweekhomponenti ze*SBA, ezePAT* neze*Language Oral* kwakunye nokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemiqathango malunga nokumodareyithwa, ukuzaliswa kweemakhishithi namanqaku angafakwanga.

Iimakhishithi okanye iifom zesiHlomelo A **aziyi** kwamkeleka kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ngaphandle kokuba zisayinwe ngutitshala, yinqununu nangumcebisi ngezifundo.

6.9 **Umhla wokubuyiswa kweemakhishithi**

Abaququzeleli bovavanyo neemviwo mabaqinisekise ukuba iimakhishithi ezalisiweyo zifika kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungadlulanga owe-**23 Novemba 2020.**

7. **Amanqaku angafakwanga e*SBA*, awe*PAT* nawe*Language Oral***

Kucelwa iinqununu ukuba zingabathumeli abaviwa abanamanqaku angafakwanga e*SBA, awePAT* nawe*Language Oral* ngqo kwiSebe i*WCED* emva kokukhutshwa kweziphumo. Inkqubo echanekileyo yokuqhagamshelana neSebe i*WCED* malunga namanqaku angafakwanga e*SBA,* awe*PAT* nawe*Language Oral,* kukuqala kugqithwe kumcebisi ngezifundo kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo.

8. Kucelwa iinqununu ukuba zinike zonke iintloko zezifundo/abaququzeleli nootitshala beBakala 12, ikopi yale ngcaciso imfutshane .

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-10-05